



## It's all about love!

Three special days that celebrate love, fall on 14 February each year: International Book Giving Day, Library Lovers' Day and Valentine's Day. Here is information on each of these days, as well as some ideas for celebrating them!




### INTERNATIONAL BOOK GIVING DAY

Since it began in 2012, International Book Giving Day has continued to grow and grow. The focus of this day is on spreading a love of books and reading by encouraging people worldwide to give a book to a child on 14 February.

You could:

- ★ give a book to a child who is a family member
- ★ leave a book in the waiting room of a doctor or clinic for children to read
- ★ donate a book to your child's school or class.

And it doesn't have to cost a lot either. Book Dash ([www.bookdash.org](http://www.bookdash.org)) and the African Storybook ([www.africanstorybook.org](http://www.africanstorybook.org)) have children's books that you can download and print for free!



### LIBRARY LOVERS' DAY

Library Lovers' Day started in Australia, but now it is celebrated all around the world. This day is an opportunity for library staff to show off their libraries, and for the rest of us to show our love for libraries.

If you work at a library, try these things.

- ★ Create a display using our special poster on page 2 and some books about love.
- ★ Leave bookmarks in different places in your library as a nice surprise for library-users to find and keep.
- ★ Invite an author to read to children at your library in the week of 14 February.

Here are some ideas for everyone else.

- ★ Donate a copy of your favourite children's book to the library.
- ★ Take your children to the library and read books about love.
- ★ Encourage your children to write a letter or draw a picture to thank a local or school librarian for the wonderful work he or she does in spreading a love of books.

## Konke kungothando!

Iintsuku ezintathu ezikhethekileyo ezisisikhumbuzo sothando, ziba ngomhla we-14 kweyoMdumba kunyaka ngamnye: uSuku Lokuphisa Ngeencwadi Lwezizwe Ngezizwe, uSuku Lwabathandi Bethala Leencwadi noSuku lukaValentine. Nalu ulwazi ngosuku ngalunye kwezi ntsuku, neendlela zokuzibhiyozela!

### USUKU LOKUPHISA NGEENCWADI LWEZIZWE NGEZIZWE

Ukusukela oko lwasungulwayo ngowama-2012, uSuku Lokuphisa Ngeencwadi Lwezizwe Ngezizwe luya lukhula ngokukhula. Olu suku lugxile ekusasazeni uthando lweencwadi nokufunda ngokukhuthaza abantu kwilizwe jikelele ukuba baphe umntwana incwadi ngomhla we-14 kweyoMdumba. Ungenza oku:

- ★ ungapha umntwana olilungu losapho incwadi
- ★ ungashiya incwadi kwigumbi lokulinda kwagqirha okanye eklinikhi ukuze abantwana bayifunde
- ★ unganikezela isipho sencwadi kwiskolo somntwana wakho okanye iklasi yakhe.

Akunyanzelekanga ukuba ibize imali eninzi. IBook Dash ([www.bookdash.org](http://www.bookdash.org)) neAfrican Storybook ([www.africanstorybook.org](http://www.africanstorybook.org)) zineencwadi zabantwana onokuziprinta kwi-intanethi simahla!

### USUKU LWABATHANDI BETHALA LEENCWADI

USuku Lwabathandi Bethala Leencwadi lwaqala eAustralia, kodwa ngoku luyabhiyozelwa kwilizwe liphela. Olu suku lunika iithuba lokuba abasebenzi bethala leencwadi babonise ngamathala abo eencwadi, nelokuba thina sonke sibonise uthando lwethu lwamathala eencwadi.

Ukuba usebenza kwithala leencwadi, linga ezi zinto.

- ★ Yenza umboniso usebenzisa ipowusta yethu ekhethekileyo ekwiphepha lesi-2 nezinye iincwadi ezingothando.
- ★ Beka izalathisi ezifakwa encwadini kwiindawo ezahlukeneyo kwithala lakho leencwadi njengesipho ebesingalindelekanga kubasebenzisi bethala leencwadi nabaza kuzithatha bazigcine.
- ★ Mema umbhali weencwadi ukuba afundele abantwana kwithala lakho leencwadi ngeveki ye-14 kweyoMdumba.

Nazi izimvo kwabanye abantu.


- ★ Nikezela ngesipho seyona ncwadi uyithandayo yabantwana kwithala leencwadi.
- ★ Hamba nabantwana ubase kwithala leencwadi uze ufunde iincwadi ezingothando.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale ileta okanye bazobe umfanekiso ukubulela usothala wasekohlaleni okanye wasesikolweni ngomsebenzi oncomekayo awenzayo ekusasazeni uthando lweencwadi.

## Valentine's Day

Most people know that Valentine's Day is a day where you show your love for others, but do you know the story behind this day?

The day gets its name from a priest called Valentine who lived in the Roman Empire a very long time ago. The emperor had banned marriage because he wanted a powerful army and he thought that married men were bad soldiers. Valentine felt this was unfair, so he broke the rules and arranged marriages in secret. When the emperor found out, Valentine was thrown in jail and sentenced to death. There, he fell in love with the jailer's daughter and when he was taken to be killed on 14 February, he sent her a love letter signed "from your Valentine".

Enjoy our special Valentine's Day poster (page 2) and activity (page 13)!



**We will be taking a break until the week of 24/30 April 2020. Join us then for more Nal'ibali reading magic!**

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yowama-24/30 kuTshazimpunzi kowama-2020. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!

## USuku lukaValentine

Abantu abaninzi bayazi ukuba uSuku lukaValentine lusuku apho ubonisa uthando lwakho komnye umntu, kodwa uyalazi ibali ngalo mhla?

Olu suku lulifumana igama kumpriste owayegama linguValentine, nowayehlala kubuKumkani bamaRoma kudala-dala. Ukumkani wayekubhangisile ukutshata kuba wayefuna umkhosi owomeleleyo kwaye ecinga ukuba amadoda atshatileyo ayengamajoni abhetyebhetye. UValentine wacinga ukuba oko kwakungalunganga, ngoko ke wophula imithetho waza waceba imithetho ekhusini. Wathi ukumkani esakukufumanisa oku, uValentine waphoswa entolongweni waza wagwetyelwa ukufa. Elapho, wathandana nentombi yomgcini mabanjwa wathi xa wayethathwa ukuba ayokubulawa ngomhla we-14 kweyoMdumba, wayithumelela ileta yothando awayeyisayine "Isuka kuValentine wakho".

Yonwabela ipowusta yethu ekhethekileyo yoSuku lukaValentine (kwiphepha lesi-2) nomsebenzi (kwiphepha le-13)!




Drive your imagination



IT STARTS WITH A STORY.  
KONKE KUQALA NGEBALI.



# Fall in love with books!



# Thandana neencwadi!



## Reading club corner



## Ikona yeklabhu yokufunda

During the school holidays children are able to relax and have a change of routine. So, school holidays are a good time to get children hooked on reading, or to keep them in the habit of reading for enjoyment! Running a holiday programme is an excellent way of doing this.

The Diaconia-Nal'ibali partnership in the Western Cape has been investing in holiday programmes for children in the Parow and Brackenfell areas. We found out some more about these programmes to share with you.



### Why did you start these programmes?

We wanted to provide safe places for children to be during the school holidays while their parents are working. We also wanted to find a way to build bridges between the children in different communities in these areas because they don't usually have contact with each other. And of course, we wanted to let children experience the satisfaction of reading for enjoyment.

### How old are the children?

The average age is 10 years old, but the programme is open to children aged 2 to 16 years.

### Where are the programmes held?

In church halls and community halls.

### What happens during a typical day?

Our holiday programmes run from Monday to Friday (9 a.m. to 1 p.m.) for one week. Stories are the focus of what we do. We spend time each day reading a Bible story and another story to the children and discussing these together. Then we do some story-related activities and some team-building activities in which the children have fun working together to solve a problem. Every day we also play a few games with the children and we always end with a picnic lunch!

Besides developing children's interest in reading, the Diaconia-Nal'ibali holiday programmes have seen other positive spin-offs. Friendships have formed amongst some children and the children have started socialising with each other. Story sharing really is a great way of connecting with others!

Ngexesha leeholide zesikolo abantwana baba nako ukuphumla batshintshe isiqhelo. Ngoko ke, iiholide zesikolo lixesha elilungileyo lokubaqhelanisa nokufunda, okanye ukubagcina beqhelene nokufundela ukuzonwabisa! Ukuqhuba inkqubo yeholide yindlela egqwesileyo yokukwenza oku.

Amaqabane iDiaconia noNal'ibali eNtshona-Koloni bebekwiphulo leenkqubo zeholide zokuxhobisa abantwana kwimimandla eseParow naseBrackenfell. Sifumanise ngakumbi ngezi nkqubo esiza kwabelana nawe ngazo.

### Kwakutheni ukuze nisungule ezi nkqubo?

Sasifuna ukunika abantwana iindawo ezikhuselekileyo ngexesha leeholide logama abazali babo besemsebenzini. Sasifuna kwakhona ukufumana indlela yokudala unxibelelwano phakathi kwabantwana kwiindawo zasekuhlaleni ezahlukeneyo kule mimandla kuba abasoloko beqhagamshelana. Yaye ke, sasifuna ukuba abantwana babe namava okwaneliswa kukufundela ukuzonwabisa.

### Badala kangakanani abantwana?

Bakumyinge weminyaka eli-10, kodwa inkqubo ivulekile kubantwana abaminyaka mi-2 ukuya kweli-16.

### Zibanjelwa phi iinkqubo?

Kwiiholo zeecawe nezasekuhlaleni.

### Kwenzeka ntoni ngosuku nje lwesiqhelo?

Iinkqubo zethu zeholide ziqhutywa ukusukela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu (ngentsimbi ye-9 kusasa ukuya kweyo-1 emva kwemini) iveki enye kuphela. Amabali ngawo angundoqo woko sikwenzayo. Sichitha ixesha ngosuku ngalunye sifundela abantwana ibali leBhayibhile nelinye sixoxe ngalo nabo. Size senze imisebenzi enxulumene nebali nemisebenzi yokwakha ubudlelwane apha abantwana bonwabayo besebenza kunye ukusombulula ingxaki. Yonke imihla sidlala imidlalo embalwa nabantwana sibe sesigqiba ngesidlo sasemini esiyipikiniki!

Ngaphandle kokuphuhlisa umdla wabantwana ekufundeni, iinkqubo zeholide zamaqabane iDiaconia-Nal'ibali sezibone ezinye iziphumo ezihle. Ubuhlobo benzekile phakathi kwabanye babantwana yaye abantwana sebeqalisile ukuthanda ukuhlala kunye. Ukwabelana ngamabali yindlela elungileyo yokunxibelelana nabanye!

## Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

## Qokelela abalinganiswa bakwaNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa bakho obathandayo bakaNal'ibali ukuze ubasebenzisele ukuyila imifanekiso eyeyakho, iipowusta, amabali okanye nayiphi na enye into onokuyicinga!



### About Josh

Age: 12

Lives with: his father and his aunt

Speaks: English, Afrikaans and a little Sesotho

Enjoys: anything to do with computers and cellphones, as well as building and flying kites

Favourite books: teen stories on his cellphone, books about aeroplanes

He likes to read aloud to: Bella, Neo, Priya and Afrika

When he grows up, he wants to be: a pilot

### Malunga noJosh

Ubudala: iminyaka eli-12

Uhlala no: tata wakhe nodadobawo wakhe

Uthetha: isiNgesi, isiAfrikansi, neSesotho kancinci

Wonwabela: nantoni na enokwenza neekhompyutha neeselfowuni, ngokunjalo nokwakha nokubhabhisa iikhayithi

Ezona ncwadi azithandayo: ngamabali abantwana abadadlana kwiselfowuni yakhe, iincwadi ezingeenqwelo-moya

Uthanda ukufundela ngokuvakalayo: uBella, Neo, Priya noAfrika

Xa sele emdala, ufunna ukuba: ngumqhubi weenqwelo-moya



## Your story

During International School Library Month in October 2019, Diaconia, in partnership with IBBY SA and the South African Astronomical Observatory, ran an imbizo focusing on libraries. As part of this, children were asked to write about the importance of school libraries. Here is what Caleb Klaasen from Dalweide Primary School in Paarl wrote.


### Our library

I love to read. My belief is that reading expands one's knowledge. At our school, we recently re-opened our library. It is filled with bright colours and dreams.

Each book that we are issued is either educational or adventurous. The books are so neatly packed that when you enter the library, you already know which book you are going to take. Informational books tell us about history. When I want to prepare for a history or geography task, I take out a book related to it. Story books are an adventure on its own. A library is really a magical place. When our library first opened, I was so excited. I have fallen in love with reading again and again.

When I feel down, I usually read a book, and after reading it, I feel far better. Opening the library at school was one of the best things the school has ever done.

*Caleb Klaasen, 10 years old*



Caleb Klaasen

## Ibali lakho

Ngexesha leNyanga yamaThala ezikolo yeZizwe ngeZizwe kweyMnga kowama-2019, iDiaconia, ibambisene neIBBY SA neSouth African Astronomical Observatory zabamba imbizo eyayigxile kumathala eencwadi. Njengenxalenye yoku, abantwana bacelwa ukuba babhale ngokubaluleka kwamathala eencwadi. Naku okwabhalwa nguCaleb Klaasen wesikolo samabanga aphantsi iDalweide.

### Ithala lethu leencwadi

Ndiyakuthanda ukufunda. Inkolelo yam yeyokuba ukufunda kwandisa ulwazi lomntu. Esikolweni sethu, sisandula kuvula kwakhona ithala lethu leencwadi. Lizele yimibala eqaqambileyo namaphupha.

Incwadi nganye esiyinikwayo isenokuba yefundisayo okanye eyobudela-ngozi. Iincwadi zipakishwe ngocwangco kangokuba uthi ungena nje kwithala leencwadi, ube sel'usazi ukuba yiyiphi incwadi oza kuyithatha. Iincwadi ezinika ulwazi zisixelela ngezembali. Xa ndifuna ukulungiselela umsebenzi ngezembali okanye ezelizwe, ndikhupha incwadi enxibelelene noko. Iincwadi zamabali zizezobudela ngozi ngokwazo. Ithala leencwadi ngokwenene yindawo ebumlingo. Xa lalivulwa ithala lethu leencwadi okokuqala, ndandingasachulumance nje. Ndiya ndikuthanda ukufunda ngakumbi nangakumbi.

Xa ndiziva ndingonwabanga, ndidla ngokufunda incwadi, ze emva kokuyifunda, ndizive ndingcono kakhulu. Ukuvula ithala leencwadi kuyenye yezinto ezigqawesileyo ezakha zenziwa sisikolo.

*Caleb Klaasen, ominyaka eli-10*

Send your pictures and stories to [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), or to The Nal'ibali Supplement, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. Remember to make sure that we know that you want them published in the Nal'ibali Supplement and include your name and contact details.

Thumela imifanekiso namabali ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), okanye ku-The Nal'ibali Supplement, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. Khumbula uqinisekise ukuba siyazi ukuba ufuna apapashwe kuhlelo lukaNal'ibali uze ubhale igama lakho neenkukacha zoqhagamshelwano.

## WIN! WINA!

For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Why is there a hole in the wall?* (pages 5, 6, 11 and 12) or *Wiggle jiggle* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). (Your review could be published in a future Nal'ibali Supplement!) Remember to include your full name, age and contact details.



Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali elithi, *Kutheni kukho umngxuma eludongeni?* (kwiphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12) okanye elithi *Nyumbululu, nyumbu, nyumbu* (kwiphepha lesi-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). (Uphengululo lwakho lungapapashwa kuHlelo oluzayo lukaNal'ibali!) Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.

book  
dash



### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your  
imagination

“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?” uLungisa wabuza umakhulu wakhe.  
 “Ukuze izinyanya zethu zibe nendlela yokuba kuthi,” waphendula.  
 “Yamndla loo nto,” watsho uLungisa.



“Why is there a hole in the wall?” Lungisa asked his granny.  
 “So that our ancestors will have a gateway to us,” she replied.  
 “Interesting,” said Lungisa.




“Kuba amaza antalaleka elityeni iminyaka engamawaka, aza enza umngxuma kwilitye lentlabathi,” watsho.  
 “Because waves crashed against the rock for millions of years, and made a hole in the sandstone,” she said.  
 “Interesting,” said Lungisa.



# Why is there a hole in the wall?

## Kutheni kukho umngxuma eludongeni?



Amy Slatem  
 Kirsty Paxton  
 Danielle Botha



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)





Drive your imagination



“Why is there a hole in the wall?” Lungisa asked his teacher.  
“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?” uLungisa wabuza utitshala wakhe.



Lungisa lived in a village called esiKhaleni or Place of Noise. Some people also call it Hole-in-the-Wall.




“Why is there a hole in the wall?” Lungisa asked his auntie.  
“It is a window to God,” she said.  
“Interesting,” said Lungisa.



“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?” uLungisa wabuza u-anti wakhe.

“Yifestile eya kuThixo,” watsho.  
“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.



Kodwa waqhubeka ebuza.



PHUU!!! Indle yam yenza izityalo.  
ZIKHULE.




POO!!! My magic poo makes plants  
grow BIG.



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

Wiggle jiggle  
Nyumbululu,  
nyumbu,  
nyumbu

Megan Vermaak  
Mathapelo Mabaso  
Chenél Ferreira



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

Ndiyonge ndixhentsa ndinyubuluza.  
Nyumbululu, nyumbululu, nyumbululu!



Watch me wiggle and dance. Wiggle, jiggle,  
wiggle!

Ndiyakuthanda ukubona izityalo zam  
zikhula. Zityheli, zibomvu, zizuba kanti  
zimbi ziluhlaza.



I love to see the plants grow. Yellow, red,  
blue and green.

Wiggle, jiggle, wriggle! I am  
a wiggly worm.



Nyumbululu, nyumbu, nyumbu!  
Ndingumbungu onyumbululu.





Nyambulu, nyambu, nyumbui  
Ndingumbungu  
nyumbulu


Wiggle, jiggle, wriggle!  
I am a wiggly worm.



I love the rain. Pitter-patter on  
the leaves.  
Ndiyayithanda imvula. Chapha-  
chapha emithini nasengeni.

Flitter, flutter,  
flitter! I am a butterfly!

Pha-pha, pha-  
pha, pha-pha!  
Ndilibha-bhathane!



Flowers and leaves are my favourite food.  
Yummy in my tummy!




Iintyatyambo namagqabi kukutya kwam  
okuncamisayo. Mmhhmmm  
esiswini sam!

Nyumbulu, nyumbulu  
Ndingumbungu onyumbulu.



Wiggle when you see me in the garden.  
Wiggle, jiggle, wriggle!  
Nybuluza xa undibona egadini. Nyumbulu,  
nyumbulu, nyumbulu!



Wiggle, jiggle, wriggle! I am a wiggly worm.

Where am I now? I'm here in my cocoon.

Ndiphi ngoku? Ndim lo eqokobheni lam.



Oh wait! I'm NOT a wiggly worm anymore!

Yhoo, jonga!  
Andisenguwo ngoku umbungu!





“Why is there a hole in the wall?” Lungisa asked his friend.


“Because a ship crashed into the wall,” he replied.

“Interesting,” said Lungisa.


“Kuthe ni kukho umngxuma eludongeni?” Lungisa wabuza umhlobo wakhe.

“Kuba inqanawa yatshayisa eludongeni,” waphendula.

“Yanomdla loo nto,” watshe uLungisa.



But he kept on asking.



ULungisa wayehlala kwilali ekwakusithiwa kuseSkhaleni okanye iNdawo yeNgxolo. Abanye abantu bayibiza ngokuba ngUmngxuma-eludongeni.



“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.

“Interesting,” said Lungisa.

“Why is there a hole in the wall?” Lungisa asked his mother.

“Because one of the sea-people used a giant fish head to break through the wall so that he could get to the woman he loved,” she replied.

“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?” uLungisa wabuza umama wakhe.


“Kuba omnye wabantu baselwandle wasebenzisa intlolo enkulu yentlanzi ukuqhekeza udonga ukuze akwazi ukufikelela kowasetyhini owayemthanda,” waphendula.



And Lungisa laughed.

“So that my brother will keep on asking questions,” she said.

“Why is there a hole in the wall?” Lungisa asked his little sister.



“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?” uLungisa wabuza udade wabo omncinci.

“Ukuze umntakwethu aqhubeke abuze imibuzo,” watsho.

Waza uLungisa wahleka.

## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Why is there a hole in the wall?* (pages 5, 6, 11 and 12), *Wiggle jiggle* (pages 7 to 10) and *How to be a superhero* (page 14). There's also a special Valentine's Day activity for you to try.



## Yenza ibali linike umdla!


Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *Kutheni kukho umngxuma eludongeni?* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *Nyumbululu, nyumbu, nyumbu* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi, *Wenza njani ukuze ube liqhawe elibalaseleyo* (iphepha le-15). Kukwakho nomsebenzi okhethekileyo woSuku lukaValentine onokuwuzama.

### Why is there a hole in the wall?

- ★ Why do you think Lungisa keeps asking the same question?
- ★ Do you have questions that you would like to find answers to? Write a list of these questions and then ask around to find answers to one or two of them. Or you could look for answers in books or on the internet. Is there more than one possible answer to your questions?



### Kutheni kukho umngxuma eludongeni?




- ★ Ucinga ukuba kutheni uLungisa eqhubeka ebuza umbuzo omnye?
- ★ Unayo imibuzo ongathanda ukufumana iimpindulo zayo? Bhala uluhlu lwale mibuzo uze ujikeleze ubuze ukufumana iimpindulo komnye okanye kwemibini. Okanye ungakhangele iimpindulo ezincwadini okanye kwi-intanethi. Ingaba kungakho impindulo engaphezu kwesinye kumbuzo wakho?

### Wiggle jiggle

Follow the steps to make your own wiggly worm.

1. Cut a sheet of A4 paper in half lengthwise.
2. Glue or tape the ends of the two strips so that you have one long strip.
3. Fold one end over to make a triangle. Then fold it the other way to make another triangle. Keep folding triangles like this until the whole strip of paper is folded.
4. Open the folded triangles out into a long strip again to make a worm.
5. Draw a face and decorate your worm.



### Nyumbululu, nyumbu, nyumbu

Landela amanyathelo ukwenza owakho umbungu onyumbululu.

1. Sika iphepha elingu-A4 phakathi ngobude.
2. Ncamathisela ngegulu okanye ngeteyiphu amacala aziziphelo ala maphepha mabini ukwenza umcu wephepha omde.
3. Songa icala elinye ukwenza unxathathu. Uze ulisonge kwelinye icala ukwenza omnye unxantathu. Qhuba usonge oonxantathu ngolu hlobo ude wonke umcu wephepha ube usongiwe.
4. Vula oonxantathu abasongiweyo babe ngumcu omde kwakhona ukwenza umbungu.
5. Zoba ubuso uze uhombise umbungu wakho.

### How to be a superhero

Write a letter to Timo suggesting some of your favourite storybooks that he might enjoy reading. Remember to explain what you like about these stories.




### Wenza njani ukuze ube liqhawe elibalaseleyo

Bhalela uTimo ileta umcebise ngezinye iincwadi zakho zamabali ozithandayo anokukonwabela ukuzifunda. Khumbula umchazele ukuba yintoni oyithandayo ngala mabali.

### Make a mobile

Follow the steps to make a Valentine's Day mobile that shows your love of stories!

1. Use thin cardboard, or glue two sheets of blank paper together.
2. Draw or trace a heart shape on one side.
3. Cut out the heart and make two holes at the top.
4. Using as many languages as you can, write: *I love stories* on one side of your heart. Colour the background red.
5. On the other side of your heart, draw a picture of something that reminds you of stories.
6. Thread some wool or string through the holes and hang up your mobile.



### Yenza ushukumayo

Landela amanyathelo ukwenza ushukumayo woSuku lweValentine obonisa uthando lwakho lwamabali!

1. Sebenzisa ikhadibhodi ecekethekileyo, okanye udibanise ngegulu amaphepha amabini angabhalwanga nto.
2. Zoba okanye ushicilelise into ekumila ngathi yintliziyo kwicala elinye lephepha.
3. Sika ukhuphe nto ekumila ngathi yintliziyo uze wenze imingxuma emibini kwicala elingasentla.
4. Usebenzisa iilwimi ezininzi kangangoko kunokwenzeka, bhala: *Ndiyavathanda amabali* kwicala elinye lentliziyo. Qaba ngombala obomvu indawo engasemva.
5. Kwelinye icala lentliziyo yakho, zoba umfanekiso wento ekukhumbuzo ngamabali.
6. Hlohla iwulu okanye umtya kwimingxuma uze umxhome ushukumayo wakho.





# How to be a superhero

By Bubele Retshe ■ Illustrated by Jiggs Snaddon-Wood



Timo lived in a small village surrounded by mountains, green fields and beautiful forests, but his favourite place was the park. He loved it there because he felt like a superhero when he ran around, climbed on the jungle gym and spun on the merry-go-round.

Every day when Timo came home from school, he would get changed out of his school uniform and eat the delicious sandwich that his grandmother had made for him. Then he would do his homework and, when it was done, he would rush outside shouting, "Granny, Granny, it's playtime!"

And Granny would call after him, "Timo, wait! Don't you want me to read you a story?"

"No, Granny, I need to play and explore," Timo would reply, already on his way to meet his friends who were waiting for him at the gate.



"There are many places that you can explore in storybooks, Timo," Granny would say. "Books can teach you lots of things and take you to places that you have never been."

Timo would giggle and say, "Granny, books can't take me anywhere. Only cars can do that!" Then he would run off down the road to the park with his friends.

One afternoon, Timo's best friend, Ben, was waiting for him at the gate.

"Hey, Timo, are you ready to play?" asked Ben.

"I'm always ready," said Timo racing down the street with his best friend. They both wanted to get to the park first.

When they got there, Timo's other friends were waiting for them. Pamela was sitting on the swing crying, while Noma and Siya were standing next to her. They looked worried.

Timo moved closer to find out what was going on. "What happened to Pamela?" he asked.

"She was on the swing and Siya accidentally pushed it too hard. Pamela fell off the swing and now her knee is bleeding," explained Noma.

"Oh no! What are we going to do?" asked Ben.

"It's okay, I know what to do," said Noma reaching for her backpack and taking out a small bag.

"What is that?" Timo asked.

"It's a first aid kit. I will clean Pamela's knee and then put on this plaster so that it feels better," said Noma.

The friends were surprised that Noma knew exactly what to do. Once the plaster was on, Pamela said she felt much better and she wanted to play again. All the friends felt happy and relieved and they thanked Noma.

All the friends raced over to the jungle gym – except Timo. He was wondering how Noma had known what to do. He wanted to know where you could learn these kinds of things because superheroes are supposed to know how to help people!

Timo walked over to where Noma was climbing and asked, "Noma, how did you know what to do?"

Noma smiled and said, "I read it in a storybook."

"You learnt all of that from reading a storybook?" asked Timo. He wasn't sure he could believe what Noma had said.

"Yes, Timo. I want to be a doctor when I grow up so that I can help people. When I read storybooks, I learn about how doctors help people," said Noma.

Timo was amazed! "I want to be a superhero and help people too. Do you think storybooks could help me do that?" he asked.

"Yes, of course!" said Noma. "Storybooks can teach you lots of things. Just get them from the library and start reading."

The next day, when he got home from school, Timo changed out of his school uniform and ate the delicious sandwich that his grandmother had made for him. Then he did his homework.

He had just finished when Granny called him. "Timo, your friends are here. They are waiting for you to go to the park with them."

"Please tell them I will join them later, Granny," answered Timo.

Granny could not believe her ears! Timo was always in a hurry to go to the park. "Why aren't you going right now?" she asked.

"I'd like you to read me a story before I go, please," said Timo.

Granny smiled happily. "That's new! Why do you want me to read you a story today?" she asked.

"Because Noma says stories can teach me how to be a superhero and help my friends," Timo said as he jumped up and down excitedly.

"That's my boy!" said Granny as she picked up a storybook.

So, Granny and Timo sat down together and read that storybook – and another, and another. And every afternoon after that, before Timo went to play in the park, he asked Granny to read to him.





## Wenza njani ukuze ube liqhawe elibalaseleyo

Libali likaBubele Retshe ■ Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood



UTimo wayehlala kwidolophana erhanqwe ziintaba, amasimi aluhlaza namahlathi amahle, kodwa eyona ndawo wayeyithanda kakhulu yayiyipaka. Wayekuthanda phaya kuba wayeziva eliqhawe elibalaseleyo xa ebaleka ejikeleza, ekhwela kwiqonga elijikelezayo lokudlala, ubhubhubhu ngamanye amagama.

Yonke imihla xa uTimo wayebuya esikolweni, wayekhulula iyunifomu yakhe aze atye amaqebengwane ahlohlweyo amnandi awayemenzele wona uninakhulu. Emva koko wayesenza umsebenzi wesikolo wasekhaya aze, akugqiba, abaleke aphume ekhwaza, "Khulu, Khulu, lixesha lokudlala!"

UMakhulu wayemkhwaza, "Timo, yima! Awufuni ndikufundele ibali?"

"Hayi Khulu, ndidinga ukudlala kwaye ndihlale indawo," uTimo wayephendula, sele esendleleni eyokudibana neetshomi zakhe ezazimlinda esangweni.



"Zininzi iindawo ongazihlala kwiincwadi zamabali, Timo," uKhulu wayesakutsho. "Iincwadi zingakufundisa izinto ezininzi zikuse kwiindawo ongazange uye kuzo."

UTimo wayegigitheka aze athi, "Khulu, iincwadi azinakundisa ndawo. Ziimoto kuphela ezinokukwenza oko!" Wayesitsho abaleke ehlise umgaqo esiya epakini nabahlobo bakhe.

Ngenye injikalanga, oyena mhlobo kaTimo osenyongweni, uBen wayemlinda esangweni.

"Hee Timo, ukulungele ukudlala?" wabuza uBen.

"Ndisoloko ndilungile," watsho uTimo ehlisa umgaqo nomhlobo wakhe osenyongweni. Bobabini babefuna ukuya kufika kuqala epakini.

Bathi bakufika apho, abanye abahlobo bakaTimo babebalindle. UPamela wayehlali kujingi elila, logama uNoma noSiya babemi ecaleni kwakhe. Babebonakala bekhathazekile.

UTimo wasondela ukuya kufumanisa ukuba kwakuqhubeka ntoni. "Kwenzeka ntoni kuPamela?" wabuza.

"Ubekujingi waza uSiya wamtyhala ngamandla ngempazamo. UPamela wawa kujingi yaye ngoku idolu lakhe liyopha," wachaza uNoma.

"Owu hayi! Siza kuthini?" wabuza uBen.

"Kulungile, ndiyazi ukuba ndenze ntoni," watsho uNoma evula kubhaka wakhe ekhupha ingxowana encinane.

"Yintoni leyo?" wabuza uTimo.

"Yikiti yoncedo lokuqala. Ndiza kucoca idolu likaPamela ndize ndibeke le plasta ukuze azive engcono," watsho uNoma.

Abahlobo babemangele kuba uNoma wayeyazi ncam into amakayenze. Isakuba iplasta ifakiwe, uPamela wathi uziva ngcono kakhulu waye wafuna ukuphinda adlale kwakhona. Bonke abahlobo baziva bonwabbile yaye bekhululekile baza bambulela uNoma.

Bonke abahlobo babaleka baya kwiqonga lokudlala – ngaphandle koTimo. Wayezibuza ukuba uNoma waze njani into amakayenze. Wayefuna ukwazi ukuba ezi zinto zinje wawunokuzifundela phi kuba amaqhawe abalaseleyo amelwe kukwazi indlela yokunceda abantu!

UTimo wasondela apho kuNoma waza wambuza, "Noma, waze njani ukuba mawenze ntoni?"

UNoma wancuma waza wathi, "Ndafunda kwincwadi yamabali."

"Wakufunda konke oku ngokufunda incwadi yamabali?" wabuza uTimo. Wayengaqinisekanga ukuba angakholelwa kule nto yayithethwa nguNoma.

"Ewe, Timo. Ndifuna ukuba ngugqirha xa ndimdala ukuze ndincele abantu. Xa ndifunda iincwadi zamabali, ndifunda ngendlela oogqirha abanceda ngayo abantu," watsho uNoma.

UTimo wayemangaliswe! "Ndifuna ukuba liqhawe elibalaseleyo nam ndincele abantu. Ucinga ukuba iincwadi zamabali zingandanceda ukuba ndikwenze oko?" wabuza.

"Ewe, kunjalo!" watsho uNoma. "Iincwadi zamabali zingakufundisa izinto ezininzi. Zithathe nje kwiithala leencwadi uze uqalise ukufunda."

Ngosuku olulandelayo, esakubuya esikolweni, uTimo watshintsha iyunifomu yesikolo waza watya amaqebengwane ahlohlweyo amnandi awayewalungiselelwe nguninakhulu. Wandula wenza umsebenzi wesikolo wasekhaya.

Wayesandula ukugqiba xa uKhulu emkhwaza. "Timo, abahlobo bakho sebefikile. Bakulindle ukuba uye epakini nabo."

"Nceda, Khulu, baxelele ukuba ndiza kuba nabo emzuzwini," waphendula uTimo.

UKhulu zange abe nako ukukholelwa oko wayekuwa! UTimo wayesoloko engxamele ukuya epakini. "Kutheni unghambi ngoku?" wabuza.

"Ndingathanda ukuba undifundele ibali phambi kokuba ndihambe, ndiyacela," watsho uTimo.

UKhulu wancuma onwabile. "Yantsha ke leyo! Kutheni ufuna ukuba ndikufundele ibali namhlanje?" wabuza.

"Kuba uNoma uthi amabali angandifundisa ukuba ndingaliqhawe elibalaseleyo ndize ndincele abahlobo bam," watsho uTimo etsibatsiba yimincili.

"Yinkwenkwana yam ke leyo!" watsho uKhulu njengoko wayethatha incwadi yamabali.

Ngoko ke, uKhulu noTimo bahlala phantsi kunye baza bafunda loo ncwadi yamabali – nenyene, nenyene. Ngazo zonke injikalanga emva koko, phambi kokuba uTimo aye kudlala epakini, wayecela uKhulu ukuba amfundele.



# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



**1. Unscramble the letters in the word bubbles to make words to do with love. Start each word with the letter in bold.**

enrifsd	guh	pelh
stutr	enidsksn	nairgc
lamfiy	phanepsis	
erhas	imlse	

**Sombulula oonobumba abakumaqam amagama ukwenza amagama anento yokwenza nothando. Qala ngonobumba obhalwe ngindilili.**

ubobhluob	kanwgnukan	cdenakkuuna
kkaabmtheuun	bebulebu	thakulenalakuuha
	aslpohu	bololuwna
	walakukbena	moundlu




**2. Complete the sentence and then write a few more of your own. Draw a picture in the heart to go with what you have written.**

To me, love is \_\_\_\_\_  
 \_\_\_\_\_  
 \_\_\_\_\_  
 \_\_\_\_\_

**Gqibezela isivakalisi uze wongeze nawakho amagama ambalwa. Zoba umfanekiso entliziweni oza kuhambelana noko ukubhalileyo.**

Kum, uthando \_\_\_\_\_  
 \_\_\_\_\_  
 \_\_\_\_\_  
 \_\_\_\_\_



**We will be taking a break until the week of 24/30 April 2020. Join us then for more Nal'ibali reading magic!**

**Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yowama-24/30 kuTshazimpunzi kowama-2020. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!**



**Answers:** friends, hug, help, trust, kindness, caring, family, happiness, share, smile

**Impendulo:** bubhlobo, kukwangana, kukuncedana, kukuthembana, bubulele, kukukhathalelana, lusapho, lulonwabo, kukwabelana, luncumo



**Nal'ibali** is here to motivate and support you. **Contact us** by calling our call centre on **02 11 80 40 80**, or in any of these ways: Abakwa**Nal'ibali** bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

- [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
- [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)
- [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
- [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust and Arena Holdings Education. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.

